



Connect with stories

Every day, people reach out to others to bring about positive change. A small act of kindness and love – like taking the time to read to someone or tell them a story – can make a big difference in their life.

Stories allow us to make sense of our own lives and to connect with family and friends. Sharing stories helps children to do more than just learn to read; it builds a sense of belonging to their families and communities and also helps them understand others.



Zidibanise namabali

Yonke imihla, abantu bafikelela kwabanye ngenjongo yokuphambela inguquko ebanika ithemba. Isenzo esincinane sobubele nothando – njengokuzinika ixesha lokufundela omnye umntu okanye umbalisele ibali – singenza umahluko omkhulu ebomini bakhe.

Amabali asinika indlela yokuqonda uqobo lobomi bethu nokuzidibanisa nosapho kunye nabahlobo. Ukubaliselana amabali kunceda abantwana ukuba benze ngaphezu kokufunda nje kuphela ukufunda; kwenza ukuba bazive bengabanye beentsapho zabo namaqela oluntu kanti kuphinda kubancede ngokuqonda abanye.

STORIES MAKE A DIFFERENCE

When we read to our children or tell them stories, we are helping to shape them. Here's how.

- ★ Sharing stories helps you bond with your children.
- ★ Stories help develop their imagination and creativity.
- ★ Stories help develop children's language and thinking, especially when they hear or read stories in their home languages.
- ★ Stories provide children with examples of how people meet the challenges that they face.
- ★ Children who enjoy being read to at home, are more likely to be motivated to read themselves. When children are motivated, they learn more easily.



AMABALI ENZA UMAHLUKO

Xa sifundela abantwana bethu okanye xa sibabalisele amabali, sibanceda ngokubumba izimo zabo. Oku kwenzeka kanje.

- ★ Ukubaliselana amabali kukunceda ukudala/ukwenza ubunye nabantwana bakho.
- ★ Amabalianceda ngokuphuhlisa ingcingane yabo kunye nesakhono sabo sokudala.
- ★ Amabalianceda ngokuphuhlisa utwimi nokucinga kwabantwana, ngakumbi xa bemamele okanye befunda amabali ngeelwimi zabo zasekhaya.
- ★ Amabali anika abantwana imizekelo yeendlela abantu abayihlangabeza ngayo imingeni abaqubisana nayo.
- ★ Abantwana abakonwabelayo ukufundelwa ekhaya, kucingeleka ukuba bakhuthazeka ngakumbi ekubeni bazifunde. Xa befumene inkuthazo abantwana, bafunda lula ngakumbi.

READING BEGINS AT HOME

Here are some of the things you can do at home to help make South Africa a reading nation.

- ★ **Read aloud regularly.** All you need is 15 minutes each day to read aloud to your children.
- ★ **Suggest books.** Talk to your children about which kinds of books and stories they like. Then help them find the ones they want, preferably in their home language/s.
- ★ **Write a review.** Encourage your children to write a book review of their favourite book. Then display their reviews for others to read, or send them to Nalibali to publish on our website. Email your reviews to us at info@nalibali.org with **Review for the Nalibali Supplement** in the subject line.



UKUFUNDA KUQALA EKHAYA

Nazi ezinye izinto onokuzenza ekhaya ukunceda ukwenza ukuba uMzantsi Afrika ube sisizwe esifundayo.

- ★ **Ukufunda ngokuvakalayo rhoqo.** Okudingeka ukuba ukwenze yimizuzu eli-15 ngosuku ngalunye lokufundela abantwana bakho ngokuvakalayo.
- ★ **Ukucebisa ngeencwadi ezinokukhethwa.** Ncokola nabantwana bakho ngokuthi zeziphi iintlobo zeencwadi namabali abawathandayo. Bancedise ke ngoko ukuba bafumane lawo bawathandayo, kungabhetele xa ebhalwe ngeelwimi zabo zasekhaya zabo zasekhaya.
- ★ **Ukubhala uphengululo.** Khuthaza abantwana bakho ukuba benze uphengululo lweyona ncwadi bayithandayo. Emva koko bonisa abanye ukuze bafunde izimvo zabo, okanye bazithumele kwaNalibali ukuba azipapashe kwiwebhusayithi yethu. Sithumelele izimvo zakho ngeimeyili thi ku-info@nalibali.org uze ubhale lo mgca wesihloko **Review for the Nalibali Supplement**.

Love to read!

Mandela said, "In my youth in the Transkei I listened to the elders of my tribe telling stories of the old days ... This is what has motivated me in all that I have done ..."

The stories we read to our children or tell them, can motivate and encourage them to reach their goals.

Kuthande ukufunda!

UMandela wathi, "Ndisengumntu omtsha Pshesheya kweNciba ndandimamela abadala bohlanga lwam bebalisa amabali emihla yakudala ... Naku okundikhuthaze kuko konke endikwenzileyo ..."


Amabali esiwafundela abantwana bethu okanye esibabalisele wona, anokubaphambela futhi abakhuthaze ukuba bazalisekise iinjongo zabo/bazalisekise imigomo yabo.

FUNda

SONKE
Loyalty Programme



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
**KONKE KUQALA
NGBALI.**

Nal'ibali news

Each year on World Read Aloud Day, Nal'ibali reminds everyone in South Africa about the benefits of reading aloud to children. Since 2013, you've helped us spread a love of stories and reading to more and more children. In fact, according to LitWorld (the international organisers of World Read Aloud Day), the Nal'ibali celebration is one of the biggest in the world!



On our first World Read Aloud Day in 2013, you helped us read to 13 401 children. This year on 5 February 2020, we reached **2 925 224** children across the country! That's a new record for Nal'ibali and South Africa!

In preparation for World Read Aloud Day, Nal'ibali produced a special story. This year our story was called, *A day to remember*, written by well-known local author and early literacy expert, Lorato Trok, and illustrated by Rico. It featured the much-loved Nal'ibali characters, Neo, Hope and Josh, with Noodle adding to the fun!

Lorato wrote the story in Setswana, her home language, and then it was translated into all the official languages. Nal'ibali partnered with Blind SA to produce a version of the story in Braille, and with Sign Language Education and Development (SLED) to make a video of it in South African Sign Language. (You can find *A day to remember* on our website: www.nalibali.org.)

"I write in Setswana – my home language – and English," said Lorato. "Usually I am asked to write stories in English. This time I had a choice. Once I decided to write in Setswana, the story just flowed onto the page! It made me realise how we often underestimate the power of using our own languages to express ourselves!"



Children enjoying the World Read Aloud Day event.
Abantwana bonwabela isiganeko soSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

Iindaba zakwaNal'ibali

Ngonyaka ngamnye ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, uNal'ibali ukhumbuza wonke umntu eMzantsi Afrika ngezinto eziluncedo ngokufundela abantwana bethu ngokuvakalayo. Ukususela ngonyaka wama-2013, usincede ngokusasaza uthando lwamabali nolokufundela abantwana abaya ngokwanda. Enyanisweni, ngokukaLitWorld (abaququzeleli behlabathi boSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi), umbhizo kaNal'ibali ngomnye waleyo mikhulu ngenene ehlabathini!

KuSuku lwehlu lokuqala lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi kunyaka wama-2013, wasinceda ukuba sifundele abantwana abangama-13 401. Kulo nyaka ngomhla we-5 kweyoMdumba wama-2020, sifikelele ebantwaneni abazizigidi ezi-**2 925 224** kulo lonke ilizwe! Leyo yirekhodi entsha kaNal'ibali neyoMzantsi Afrika!

Njengamalungiselelo oSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi uNal'ibali uyile ibali lohlobo olulodwa. Kulo nyaka ibali lethu linesihloko esithi, *Usuku lokukhunjulwa*, kwaye libhalwe ngumbhali weli lizwe noyincaphephe kwizifundo zokuqala zokufunda nokubhala, uLorato Trok yaze imfanekiso yazotywa nguRico. Linabalinganiswa bakaNal'ibali abathandwa kakhulu, uNeo, uHope noJosh, kanti uNoodle yena wongeza ulonwabo!

ULorato ulibhale ngeSetswana eli bali, ulwimi lwakhe lwasekhaya, laze laguqulelwa kuzo zonke iilwimi zaseburhulumenteni. UNal'ibali ungene kulwahlulelwano neBlind SA kwaze kwenziwa uguqulelo lwebali kwiBraille, nakwiSign Language Education and Development (SLED) kwenziwe ividiyo yalo kulwimi lokuThetha ngeZandla lwaseMzantsi Afrika. (Ungalifumana ibali elithi *Usuku lokukhunjulwa* kwiwebhusayithi yethu ku-www.nalibali.org.)

"Nalibhala ngeSetswana – ulwimi lwam lwasekhaya – nangesiNgesi," utshilo uLorato. "Kugheleke ukuba ndicelwe ukubhala ngesiNgesi. Kwesi sihlandlo ndikwazile ukuzikhetela. Ndithe ndakwenza isigqibo sokubhala ngeSetswana, ibali lasuka latyibilika ephapheni! Lindenze ndayibona indlela esikholisa ukuwajongela phantsi ngayo amandla okusebenzisa iilwimi zethu kwiintetho zethu!"



Lorato Trok reading her story to everyone.
ULorato Trok ufundela wonke umntu ibali lakhe.



Drive your
imagination

On World Read Aloud Day, a special reading event featuring this year's ambassador, Manaka Ranaka (known for playing Lucy Diale in the SABC drama, *Generations*), read to 400 children from Pretoria and Sunnyside Primary Schools at the Es'kia Mphahlele Community Library in Pretoria.

Other events included a walk through the streets of communities in six provinces. NaI'ibali's Literacy Mentors and FUNda Leaders held read-aloud sessions at schools, reading clubs, libraries and community centres across the country. They distributed World Read Aloud Day 2020 story cards, and read *A day to remember* to the children present.

World Read Aloud Day 2020 was a resounding success because people like you took the time and made the effort to read aloud to a child – or many children – to help kick-start a culture of reading in South Africa.



Neo entertaining the crowd at the Es'kia Mphahlele Community Library.
UNeo esonwabisa isihlewele kwithala leencwadi loLuntu iEs'kia Mphahlele.

KuSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, kwisiganeko esikhethekileyo ummeli-sizwe walo nyaka, uManaka Ranaka (owaziwa ngokudlala indima kaLucy Diale emdlalweni weSABC, *iGenerations*), wafundela abantwana abangama-400 basePitoli bezikolo zaseSunnyside zamaBanga aPhantsi kwithala leencwadi loLuntu iEs'kia Mphahlele yasePitoli.

Ezinye iziganeko zabandakanya ukuhamba kwizitrato zamaqela oluntu kumaphondo amathandathu. Abacebisi bakaNaI'ibali ngeziFundo zokuFunda nokuBhala kunye neeFUNda Leaders baqhuba amathuba okufunda ngokuvakalayo ezikolweni, kwiiklabhu zokufunda, kumathala eencwadi nakumaziko oluntu elizweni lonke. Banikezela ngamakhadi amabali oSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwangonyaka wama-2020, baze bafundela abantwana abebelapho ibali elithi *Usuku lokukhunjulwa*.

USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwangonyaka wama-2020 lwaba yimpumelelo engenakulibaleka kuba abantu abafana nawe bathathe ixesha labo benza iilinge lokufundela umntwana ngokuvakalayo – okanye abantwana abaninzi – ukubanceda ukuqalisa ngenkcubeko yokufunda eMzantsi Afrika.



Ambassador, Manaka Ranaka, gets the children excited about reading.
Itshantliziyo, uManaka Ranaka, wenza abantwana babe neminili ngokufunda.

We did it ...
Thank you!
Together, on World Read Aloud Day, we read to
2 925 224
children across South Africa!
Siphumelele ...
Siyabulela!
Sikunye, ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo
lweHlabathi, sifundele abantwana abazizi
2 925 224
eMzantsi Afrika uphelele!

**WIN!
WINA!**



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the stories, *A tiny seed* (pages 5, 6, 11 and 12) and *Hippo wants to dance* (pages 7, 8, 9 and 10), and email it to team@bookdash.org, or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). (Your review could be published in a future NaI'ibali Supplement!) Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali elithi, *Ukhozo lwembewu oluncinane* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12) nelithi *UMvubu ufuna ukuxhentsa* (iphepha lesi-7, lesi-8, lesi-9 nele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-team@bookdash.org, okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). (Uphengululo lwakho lungapapashwa kuHlelo oluzayo lukaNaI'ibali!) Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.

**book
dash**



Celebrate stories!


Here are some ideas to help you.

- Get your family or a group of friends together. Choose a story or play that you all enjoy. Make puppets and put on a puppet show at home, or at a reading club, library or anywhere that children are gathered. (You can find ideas on how to make different kinds of puppets in Edition 162 and 167 of the Nal'ibali Supplement.)
- Offer to clean or fix things at your local library. Speak to the librarian to get permission and find out what you can do. Then invite friends to help you make your library a more comfortable and enjoyable place to be.
- Write a poem – then read it aloud to others!
- Invite your family and friends to collect books and magazines to donate to a children's home, old-age home, school or reading club. Spend time reading with the children or elderly people.
- Donate cushions, mats, pens, stickers, coloured paper, scissors, glue and other useful craft materials to a reading club.
- Print copies of the Nal'ibali Supplement cut-out-and-keep books and Story Corner stories from our website and hand them out to children.

Bhiozela amabali!

Nazi ezinye izimvo ezinokukunceda.

- Hlanganisa usapho lwakho okanye iqela labahlobo kunye. Khetha ibali okanye umdlalo eniwonwabela ninonke. Yenzani iiphaphethi nize nenze umboniso weephaphethi ekhaya, okanye kwiklabhu yokufunda, kwithala leencwadi okanye naphi apho kudibene khona abantwana. (Izimvo malunga nendlela yokwenza iiphaphethi ezizintlobo ngeentlobo ungazifumana kuShicilelo 162 nolwe-167 kuHlelo lukaNal'ibali.)
- Cela ukuba nibe ngamavolontiya okucoca okanye okulungisa izinto kwithala leencwadi lendawo yenu. Thetha nomphathi wethala leencwadi ukuze nifumane imvume nokufumanisa ngezinto eninokuzenza. Emva koko, mema abahlobo bakuncedise ngokwenza ithala lenu leencwadi libe yindawo emnandi neyonwabisayo.
- Bhala umhobe – uze uwufundele abanye ngokuvakalayo!
- Mema usapho nabahlobo bakho ukuba baqokelele iincwadi neemagazini eziza kunikezelwa kwikhaya labantwana, kwikhaya labadala, esikolweni okanye kwiklabhu yokufunda. Chitha ixesha ufunda nabantwana okanye nabantu abadala.
- Nikela ngemqamelo, iimethi, iipeni, izinamathelisi, iphepha elimabala-bala, izikere, iglu kunye nezinye izinto eziluncedo kwimisebenzi yezandla eyenziwa kwiklabhu yokufunda.
- Yenza iikopi zamabali onokuzisika-ze-uzigcine zoHlelo lukaNal'ibali kunye namabali kwiNdawo yamabali ukuze uwanike abantwana.



Create **TWO** cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination




The more she learnt, the more she realised that she loved the people of Kenya. She wanted them to be happy and free. The more she learnt, the more she remembered her African home.

Okukhona efunda kwaba kokukhona agandayo ukuba ubathanda ngenene abantu basekenya. Wayefuna ukuba bonwabe kwaye bakhulike. Okukhona efunda, kwaba kokukhona ekhumbula ikhaya lakhe lase-Afrika.



A tiny seed Ukhozo lwembewu oluncinane



Lots more free books at bookdash.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



*Nicola Rijsdijk
Maya Marshak*



Drive your
imagination

Kwidyunivesithi yaseMerika uWangari wafunda izinto ezininzi ezintsha. Wafunda ngezityalo nendlela ezityalwa ngayo ukuze zikhule. Kananjalo wayikhumbola indlela awakhulia ngayo: edlala imidlalo kunye nabantakwabo phantsi kwemithi yamahlathi! amahle aseKenya.

At the American university, Wangari learnt many new things. She studied plants and how they grow. And she remembered how she grew: playing games with her brothers in the shade of the trees in the beautiful Kenyan forests.



In a village on the slopes of Mount Kenya in East Africa, a little girl worked in the fields with her mother. Her name was Wangari.

Kwilali ekwithambeka leMount Kenya eMpuma Afrika, intombazanana encinane yayisebenza emasimini kunye nomama wayo. Igama lale ntombazanana yayinguWangari.



When she had finished her studies, she returned to Kenya. But her country had changed. Huge farms stretched across the land. Women had no wood to make cooking fires. The people were poor and the children were hungry. Wangari knew what to do. She taught the women how to plant trees from seeds. The women sold the trees and used the money to look after their families. The women were very happy. Wangari had helped them to feel powerful and strong.



“Kutheni ungayeki ukuxhentsa?” wabuza uMbongolo, ethwela ijemela zakhe. “Kutheni ungenzi nto eluncedo endaweni yoku?”



“Why don't you stop dancing?” asks Donkey, carrying his buckets. “Why can't you do something useful instead?”



UMvubu ufuna ukuxhentsa. Uzilahlela bhaxa emgobhozweni wodaka atshibilize ejikeleza ngesisu sakhe esikhulu kangako.

Hippo wants to dance. She flops into a puddle of mud and slides around on her nice big belly.

Hippo wants to dance UMvubu ufuna ukuxhentsa



Sam Beckbessinger
Megan Andrews
Marisa Steyn



Lots more free books at bookdash.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




Drive your
imagination

“Qaphela! Uphantse wandikhaba!” kutsho uGala, ehlamba iintsana zakhe. “Hamba uye kuxhentsa kwenye indawo.”



“Be careful! You nearly kicked me!” says Meerkat, bathing his babies. “Go and dance somewhere else.”


Hippo wants to dance. She jumps up and down on the dusty ground.




UMvubu ufuna ukuxhentsa. Uxhuma-xhuma emhlabeni kuqhume uthuli.


Ngqishi! Ngqishi!

UMvubu ulusizi kakhulu kunzima nokuxhentsa. Uhlala phezu kwehliwa alile. Iinyembezi zihla ngezidlele zide ziwele emhlabeni.



Hippo is sad. She is too sad to dance. She sits on a rock and cries. The tears roll down her cheeks and fall on the ground.






UMvubu ufuna ukuxhentsa. Ujikeleza ibala elikhulu, ekhabela phezulu kangangoko ngemilenze yakhe.


Khabyane!
Khabyane!



Hippo wants to dance. She twirls around and around in a field, kicking her legs up high.



“You’re getting dirt on me!” says Shongololo, sleeping in the sand. “Go and dance somewhere else.”



“Undingcolisa ngothuli!” kutsho uSongololo, elele esantini. “Hamba uye kuxhentsa kwenye indawo.”

“Uyandimanzisa!” kutsho uXomoyi, ezingelela isidlo sakhe sakusasa. “Hamba uye kuxhentsa kwenye indawo.”




“You’re making me wet!” says Kingfisher, hunting for her breakfast. “Go and dance somewhere else.”

Hippo wants to dance. She rolls into the river and splashes her arms and legs.




UMvubu ufuna ukuxhentsa. Uziqengqela emlanjeni atshize iingalo nemilenze yakhe.

Tshiziyane!
Tshiziyane!



UNtethe uva iinyembezi zikaMvubu. Uqala axhentsele kufuphi neenyawo zikaMvubu.



Grasshopper hears Hippo’s tears. He starts dancing around her feet.

Hippo and Grasshopper start to dance, and the other animals come to look ...



UMvubu noNtethe baqalisa ukuxhentsa kunye, zide ziphume ezinye izilwanyana zibukeke ...



Wathi akuziqiba izifundo zakhe uWangari, wabuyela ekenya. Kodwa ufike ilizwe lakhe abaseyihile. Kwakukho ifama ezinkulu ezazinabele kulo lonke ilizwe lakwabo. Abaseyihini babengenazo iinkuni zokubasa imililo ukuze bapheke. Abantu babehlupheka kwaye abantwana babelambile. UWangari wayesazi ngqo ukuba makenze ntoni na. Watundisa abaseyihini indlela yokulima imithi besebenzisa imbewu. Aba baseyihini bayithengisa le mithi baze bayisebenzisa loo mali ukondla iintsapho zabo. Abaseyihini ngoku nabo bonwaba kakhulu. UWangari wayebancedile ngokubakhobisa ukuze bazive bomelele.

UWangari wayekuthanda kakhulu ukufunda; UWangari watfunda ngakumbi kwincwadi nganye athe wayifunda. Waqhuba kakhulu kakhulu esikolweni kangangokuba wamenywa ukuba aye kufunda eMerika. UWangari wayechulumance kakhulu! Wayefuna ukwazi nokufunda ngakumbi ngehlabathi.

She liked to learn! Wangari learnt more and more with every book she read. She did so well at school that she was invited to study in the United States of America. Wangari was excited! She wanted to know more about the world.



Wangari died in 2011, but we can think of her every time we see a beautiful tree.

UWangari ubhubhe ngowama-2011, kodwa sicinga ngaye ngalo lonke ixesha sibona imithi emihle.



Wangari loved being outside. In her family's food garden she broke up the soil with her machete. She pressed tiny seeds into the warm earth.

UWangari wayekuthanda kakhulu ukuba phandle. Esitiyeni sakowabo semifuno wayeqhokra amagada ngephanga yakhe eyimatshete. Wayeqhusheka iinkozo zembewu ezincinane kuloo mhlaba ufudumeleyo.



UWangari wayengumthwana okrelekrele kwaye wayesele etshiseka, efuna ukugalisisa esikolweni. Kodwa umama notata wakhe babefuna ukuba ahlale ekhaya abancedise. Xa wayeneminyaka esixhenxe ubudala, umntakwabo omdala wacenga abazali bakhe ukuba bamumele aye esikolweni.

Wangari was a clever child and couldn't wait to go to school. But her mother and father wanted her to stay and help them at home. When she was seven years old, her big brother persuaded her parents to let her go to school.




Her favourite time of day was just after sunset. When it got too dark to see the plants, Wangari knew it was time to go home. She would follow the narrow paths through the fields, crossing rivers as she went.

Elona xesha lemini awayelithanda kakhulu kwakusemva nje kokutshona kwelanga. Xa sele kumnyama kakhulu ukuba zibonakale izityalo, uWangari wayesazi ukuba elo lixesha lokuba agoduke. Wayelandela loo ndledlana inqumla emasimini, awele nemilambo xa egoduka.



As time passed, the new trees grew into forests, and the rivers started flowing again. Wangari's message spread across Africa. Today, millions of trees have grown from Wangari's seeds.

Kunamhlanje nje, zizigidi ngezigidi zemithi ezikhule zisuka kwimbewu kaWangari. Wasasazeka kulo lonke elase-Afrika. Yaphinda yaqakugela. Umyalezo kaWangari kuthi ngokuhamba kwexesha, le mithi mitsha yakhula yangamahlathi, yaze nemilambo yaphinda yaqakugela. Umyalezo kaWangari wasasazeka kulo lonke elase-Afrika. Kunamhlanje nje, zizigidi ngezigidi zemithi ezikhule zisuka kwimbewu kaWangari.



Wangari had worked hard. People all over the world took notice, and gave her a famous prize. It is called the Nobel Peace Prize, and she was the first African woman ever to receive it.

UWangari wasebenza nzima kakhulu. Abantu kwihlabathi liphela bakuqaphela oko, baze bamwonga ngembasa eyaziwayo. Le mbasa ibizwa ngokuthi yiMbasa yoXolo kaNobel, kwaye ube ngowasetyhini wokuqala wase-Afrika ukufumana le mbasa.



Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *A tiny seed* (pages 5, 6, 11 and 12), *Hippo wants to dance* (pages 7 to 10) and *Moganana* (page 14).



Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *Ukhozo lwembewu oluncinane* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12), *UMvubu ufuna ukuxhentsa* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi, *UMoganana* (iphepha le-15).


A tiny seed

- ★ People called Wangari Maathai "Mama Miti", which means "Mother of Trees". Can you think why they called her this?
- ★ Make a poster to invite the people of your community to plant trees in their gardens, in school yards and in parks. Your poster should say why trees are important to people and animals.
- ★ Find some seeds to plant. Reuse plastic containers (like yoghurt cups or the bottom of a 2 litre cooldrink bottle) or empty tin cans as plant pots. Put soil in your containers and then plant the seeds. Place them near sunlight and water them regularly. Enjoy watching your plants grow!



Ukhozo lwembewu oluncinane

- ★ Abantu babebiza uWangari Maathai "Mama Miti", oko kuthetha ukuthi "uMama wemiThi". Ucinga ukuba kutheni babembiza ngolu hlobo?
- ★ Yenza ipowusta yokumema abantu basekuhlaleni ukuba batyale imithi kwizitya zabo, kwiyadi zezikolo nasezipakini. Ipowusta yakho mayixele ukuba kutheni imithi ibalulekile ebantwani nasezilwanyaneni.
- ★ Fumana imbewu yokutyala. Sebenzisa ngokutsha izikhongozelo zeplastiki (ezifana nezikhongozelo zeyogathi okanye umzantsi webhotile yeelitha ezi-2 yesiselo) okanye iitoti okanye iinkonxa ezingenanto njengezikhongozelo zezityalo. Faka umhlaba kwizikhongozelo zakho uze utyale imbewu. Galela umhlaba kwizikhongozelo zakho wandule ukutyala imbewu. Zibeka kufutshane nokukhanya kwelanga kwaye uzinkcenkceshele ngamanzi rhoqo. Konwabele ukubukela izityalo zakho zikhula!




Hippo wants to dance

- ★ Look at page 12 of the story. Draw your own picture to go with the text on this page. Include a speech bubble and in it, write what you think Grasshopper might have said to Hippo.
- ★ Write your own text to go with pages 14 and 15 of the story.



UMvubu ufuna ukuxhentsa

- ★ Jonga kwiphepha le-12 lebali. Zoba umfanekiso wakho oza kuhamba nokubhalwe kweli phepha. Bandakanya iqamza lentetho kwaye kulo bhala into ocinga ukuba wayithetha uNtethe kuMvubu.
- ★ Bhala itekisi eyeyakho ehambelana nephepha le-14 nele-15 lebali.



Moganana

Imagine that you wake up one morning and when you look in the mirror, your body looks completely different! Draw a picture of what you look like in your new body. Describe what you can do now that you could not do before.



UMoganana

Khawufane ucinge xa unokuvuka ngenye intsasa uthi xa uzibuka esipilini, ubone umzimba wakho ukhangeleka wahluke kwaphela! Zoba umfanekiso wendlela obukeka ngayo emzimbeni wakho omtsha. Chaza onokukwenza ngoku kodwa obungasayi kukwazi ukukwenza ngaphambili.



Drive your imagination



Moganana

By Jenny Robson Illustrations by Heidel Dedekind



Moganana was a mopane worm, a very sad mopane worm. He sat on a branch of the mopane tree and sighed a deep mopane-worm sigh.

"I don't want to be a mopane worm," he said.

Just then his friend, Katlego the chameleon, appeared on a branch nearby.



"Dumela, Katlego!" called Moganana.

"Dumela, Moganana!" Katlego called back. "Why are you so sad?"

Moganana sighed again. "I'm bored! All I do is walk and eat, walk and eat! Day after day!"

But Katlego had just seen a fly – a fat, juicy fly. *Ping!* His long tongue shot out of his mouth like a rocket. *Galoop!* The tip of his tongue wrapped around the fly. *Ka-ching!* His tongue shot back into his mouth, carrying the fly with it. Katlego chewed his juicy breakfast.

"I wish I were a chameleon!" said Moganana. "Even eating is fun for you."

How could Katlego cheer up his worm-friend? "I know!" he said. "We can play hide-and-seek! Moganana, you close your eyes and count to one hundred while I hide away. Then you must try to find me!"

Moganana crawled onto the big white rock. He closed his eyes tight and began to count. "One, two, three ..." It took a long time. But at last he came to the end. "Ninety-eight, ninety-nine, ONE HUNDRED! COMING – READY OR NOT!" he shouted.

Now where could Katlego be hiding? Moganana looked up into the dark green bush with its dark green leaves. No Katlego there. Moganana checked the spiky thorn tree. No Katlego there. He looked out across the yellow sand and the tall pink grass. No Katlego there. Katlego had disappeared!

Moganana began to worry. Had something bad happened? Had the hawk carried Katlego away? Had the snake grabbed him? He knew that the hawk and the snake liked to eat chameleons.

"Katlego! Katlego, where are you?" Moganana shouted.

Just then he heard Katlego's voice coming from the big white rock, "One, two, three – BLOCK MYSELF!"

Moganana shook his head in amazement as he wriggled over to the rock. "Where did you hide? I couldn't find you anywhere!"

Katlego laughed. "I was in the dark green bush."

"That cannot be!" said Moganana. "I looked there. I didn't see you."

The chameleon laughed again. "That's because I turned dark green, just like the leaves. We chameleons can do that. It's a special trick called camouflage."

How exciting! Imagine being able to change colour! Moganana felt even sadder. He wished even more that he was a chameleon!

Then it was his turn to hide. Katlego sat on the white rock with his bulging chameleon eyes shut tightly and began to count, "One, two, three ..."

Moganana looked around. Where could he hide? The dark green bush was no good. Katlego would spot his round white body right away. The spiky thorn tree was no good. Moganana was scared of thorns. Moganana walked along the yellow sand towards the tall pink grass. Perhaps he could hide there?

Katlego was still counting, "Thirty-nine, forty, forty-one ..."

Finally, Katlego finished counting. "COMING – READY OR NOT!" he yelled.

Now where could his worm-friend be hiding? Katlego rolled his bulging eyes this way and that. No, Moganana was not in the dark green bush. Nor in the spiky thorn tree. Nor on the yellow sand. Katlego searched and searched until he was tired. "Moganana! Moganana, come out!" he called.

The sun began to set. Long, dark shadows fell across the land. Katlego sat on the big white rock, feeling worried. Had the hawk caught the little worm in his terrible, sharp claws? Had a truck driven its heavy, black tyres over poor Moganana? Katlego was so upset, he didn't eat any supper.

Katlego searched for Moganana the next day. And the next. But his friend had disappeared completely.

"My friend, I miss you so much! Even if you were always complaining," Katlego said sadly.

Many days later Katlego saw a fat, juicy fly in the spiky thorn tree, but he felt too sad to eat. The fly buzzed away. Suddenly Katlego heard a familiar voice. It came from the big white rock. "One, two, three – BLOCK MYSELF!" called the voice.

Katlego went over to the rock. It wasn't Moganana there on the rock. No! It definitely wasn't a round white worm! Katlego rolled his bulging eyes and stared – on the big white rock sat a beautiful moth with huge wings!



"Who are you?" asked Katlego.

"I'm Moganana," the moth called back.

"No, you aren't!" said Katlego. "Moganana is a white mopane worm who is always sad and bored!"

The moth smiled. "But I *am* Moganana! Truly, Katlego. I walked down into the sand and I fell asleep. When I woke up, I looked like this! Now I am Moganana, the mopane moth!"

Katlego shook his head in wonder.

"And watch this, Katlego. I can fly!" said Moganana. The beautiful moth flapped his huge wings. Up he went, high above the big white rock.

Katlego was amazed. He called up, "So are you still bored? Do you still want to be a chameleon?"

Moganana flapped his huge wings until he was high above the dark green bush. "Never!" he shouted. "I just want to be ME!"



Drive your
imagination



UMoganana

Libali lika Jenny Robson Imifanekiso izotywe ngu Heidelberg Dedekind



UMoganana wayengumbungu wemopane, umbungu wemopane olusizi kakhulu. Wawuhlala phezu kwesebe lomthi wemopane waze watsho ngesingqalokazi sombungu wemopane.

"Andifuni ukuba ngumbungu wemopane," utshilo.

Kanye ngelo xesha umhlobo wakhe, uKatlego ulovane, uthe gqi kwisebe elikufutshane.



"Molo, Katlego!" wakhwaza uMoganana.

"Molo, Moganana!" waphendula ngomdla naye uKatlego. "Kutheni ulusizi kangaka?"

UMoganana watsho ngesingqala kwakhona. "Ndikruqukile! Inye nje into endiyenzayo kukuhamba-hamba nokutya, ukuhamba-hamba nokutya! Usuku emva kolunye usuku!"

Kodwa uKatlego wayesandul' ukubona impukane – impukane etyebileyo, enencindi enencasa. *Phutshu!* Nalo ulwimi lwakhe olude luphuma ludubuleka emlonyeni wakhe njengesiphekepheke. *Bhije!* Incam yolwimi lwakhe isongele impukane. *Tshoniyane!* Ulwimi lwakhe lubuyele emlonyeni wakhe ngephanyazo, lubambe impukane. UKatlego uhlatfene isidlo sakhe sakusasa esinencasa.

"Akwaba bendilulovane!" watsho uMoganana. "Nokutya oku wena uyakonwabela."

UKatlego angamkhuthaza njani umhlobo wakhe wombungu? "Ndiyazi!" watsho. "Singadlala undize! Moganana, vala amehlo akho ubale ude ufike kwikhulu ngelixa mna ndikuzimela. Emva koko uzame ukundifuna ude undifumane!"

UMoganana ukhasele phezu kwelitye elikhulu elimhlophe. Uwavale nkqi amehlo akhe waze waqalisa ukubala. "Nye, mbini, ntathu ...". Kuthathe ixesha elide oko. Ude ekugqibeleni wafika esiphelweni. "Amashumi alithoba anesibhozo, amashumi alithoba anethoba, IKHULU! NDIYEZA, NOKUBA ULUNGILE OKANYE AWUKALUNGI!" ukhwazile.

Ngoku ingaba uzimele phi uKatlego? UMoganana ukhangele phezulu kwityholo eliluhlaza kakhulu nelinamagqabi aluhlaza kakhulu. Hayi akukho Katlego apho. UMoganana umkhangele emthini onameva ahlabaya. Hayi akukho Katlego apho. Umkhangele esantini etyheli nasengceni ende epinki. Hayi akukho Katlego apho. UKatlego uthe shwaka emoyeni!

UMoganana waqala wakhathezeka. Ingaba kukho into embi eyenzekileyo? Ingaba uxhwilwe ngukhetshe uKatlego? Ingaba uxhakamfulwe yinyoka? Wayesazi ukuba ukhetshe nenyoka ziyathanda ukutya amalovane.

"Katlego! Katlego, uphi?" wakhwaza uMoganana.

Kanye ngoko weva ilizwi likaKatlego liphuma elityeni elikhulu elimhlophe, "Nye, mbini, zintathu – NDIYAZIKHUSELA!"

UMoganana wanikina intloko emangalisiwe ejubalaza phezu kweliwa. "Ubuzimele phi? Khange ndikufumane naphi!"

UKatlego wahleka. "Bendisetyholweni eliluhlaza kakhulu."

"Akunjalo!" utshilo uMoganana. "Ndikhangele apho. Khange ndikubone."

Ulovane luphinde lwahleka. "Kungenxa yokuba ndijike ndaluhlaza kakhulu, ndafana ncam namagqabi. Thina malovane siyakwazi ukukwenza oko. Liqhinga lohlobo olulodwa elibizwa ngokuthi kukujika imbonakalo."

Ummangaliso ongako! Khawufane ucinge ngokukwazi ukuziguqula umbala! UMoganana uzive elusizi ngakumbi. Ukunqwenele ngokuthe kratya ukuba lulovane!

Ngoku ibilithuba lakhe lokuzimela. UKatlego wahlala phezu kwelitye elikhulu elimhlophe amehlo akhe olovane athi phuhlu ngaphandle evalwe mba waze waqalisa ukubala, "Nye, mbini, zintathu ..."

UMoganana ubheka-bheke kokumngqongileyo. Angazimela phi kanene? Ityholo eliluhlaza kakhulu alinakumlungela. UKatlego wayeza kukhawuleza awubone kwangoko umzimba wakhe ongqukuva omhlophe. Umthi wameva ahlabaya awulunganga. UMoganana wayewoyika ameva. UMoganana uhamba-hambe esantini etyheli esiya ngasengceni ende epinki. Mhlawumbi angazimela apho kanene?

UKatlego wayesabala, "Amashumi amathathu anethoba, amashumi amane, amashumi amane ananye ..."

Ekugqibeleni, uKatlego ude wagqiba ukubala. "NDIYEZA, NOKUBA ULUNGILE NOKUBA AWUKALUNGI!" wakhwaza.

Ngoku ke ingaba uzimele phi umhlobo wakhe wombungu? UKatlego wagungqizisa amehlo akhe athe phuhlu ngaphandle ejonga ngapha nangaphaya. Hayi, uMoganana wayengekho kwityholo eliluhlaza kakhulu. Wayengekho nasemthini wameva ahlabaya. Kanti nasemthini etyheli wayengekho. UKatlego wamzingela wamzingela wade wadinwa. "Moganana! Moganana, ziveze ngoku!" wakhwaza.

Ilanga laqalisa ukutshona. Izithunzi ezide, ezimnyama zazikuyo yonke indawo yomhlaba. UKatlego wahlala phezu kwelitye elikhulu elimhlophe, eziva ekhathazekile. Ingaba ukhetshe uxhwile umbungu omncinane wawubamba ngeenzipho zakhe ezoyikekayo, ezibukhali? Ingaba isigadla esikhulu esinamavili amakhulu, amnyama, siqhutywe phezu kosizana olunguMoganana? UKatlego wayekhathazeka kangokuba zange atye nantoni na ngexesha lesidlo sasebusuku.

UKatlego wazingela uMoganana ngosuku olulandelayo. Nangengomso elilandelayo. Kodwa umhlobo wakhe wayengabonakali kwaphela.

"Mhlobo wam, ndikukhumbula kakhulu! Nokuba ubusoloko ukhalaza," uKatlego watsho kalusizi.

Kwiintsuku ezininzi ezilandelayo uKatlego wabona impukane etyebileyo, enencindi phezu komthi onameva ahlabaya, kodwa wayelusizi engathandi kutya. Impukane yade yabhabha yemka. Ngephanyazo uKatlego weva ilizwi aliqhelileyo. Laliphuma elityeni elikhulu elimhlophe. "Nye, mbini, ntathu – NDIYAZIKHUSELA!" lakhwaza ilizwi.

UKatlego wakhwela phezu kwelitye. YayingengoMoganana apho phezu kwelitye. Hayi! Ngokuqinisekileyo yayingengombungu ongqukuva omhlophe! UKatlego wagungqizisa amehlo akhe athe phuhlu ngaphandle waqwalasela – phezu kwelitye elikhulu elimhlophe wabona ibhabhathane elihle elinamaphiko amakhulu!



"Ungubani?" wabuza uKatlego.

"NdinguMoganana," laphendula ibhabhathane.

"Hayi, akunguye!" watsho uKatlego. "UMoganana ngumbungu omhlophe wemopane osoloko elusizi futshi ekrqukile!"

Lancuma ibhabhathane. "Kodwa ke ndinguye uMoganana! Yinyaniso leyo, Katlego. Ndihambe ndaya esantini ndaze ndalala. Ndithe xa ndivuka, ndazibona sendinje! Ngoku ndinguMoganana, ibhabhathane lemopane!"

UKatlego wanikina intloko yakhe emangalisiwe.

"Jonga ke, Katlego. Ndiyakwazi ukubhabha!" watsho uMoganana. Ibhabhathane elihle labhazisa amaphiko amakhulu. Nalo linyuka, laya phezulu ngasentla kwelitye elikhulu elimhlophe.

UKatlego wamangaliseka. Wabuza, "Khawutsho ke, usakruqukile? Usafuna ukuba lulovane?"

UMoganana wabhakuzisa amaphiko akhe wade waba phezulu ngasentla kwityholo eliluhlaza kakhulu. "Soze!" wakhwaza. "Ndifuna ukuba NDIMI!"


Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1. Complete the picture and make a badge!

1. Connect the letters of the alphabet to complete the picture.
2. Colour in the picture.
3. Cut along the red dotted line to cut out the badge.
4. Use glue to paste the badge onto some thin cardboard, for example, a cereal box. Cut the cardboard to fit the badge.
5. Use sticky tape or masking tape to attach a safety pin to the back of the badge. Or make a hole at the top and thread some wool or string through it so that you can hang your badge around your neck.
6. Enjoy wearing your badge!



Gqibezela umfanekiso wenze ibheji!

1. Dibanisa oonobumba beafabhethi ukuze uphelele umfanekiso.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika ke ngoku ulandele imigca yamachaphaza abomvu ukuze ukhuphe ibheji.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathisela ibheji kwikhadibhodi ecekethekileyo, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli. Sika ikhadibhodi ukuze ilingane nebheji.
5. Sebenzisa iteyiphu encamathelayo okanye iteyiphu esabumhlophe ukuze uqhoboshele isipeliti kumva webheji. Okanye yenza umngxuma phezulu uze ufake umsonto wewulu okanye umtya kuwo ukuze ukwazi ukujingisa ibheji yakho ibhijele intamo yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho!

2. Here are some wise sayings from Nelson Mandela.

☉ Match the first part of each saying with the correct second part. Colour the matching parts in the same colour. Which saying is your favourite?

- | | |
|--------------------------------|--------------------------------|
| 1. "Until I changed myself, | A. until it's done." |
| 2. "A winner is a dreamer who | B. I could not change others." |
| 3. "It always seems impossible | C. never gives up." |

Nazi ezinye iintetho zobulumko ezivela kuNelson Mandela.

☉ Tshatisa indawo yokuqala yentetho nganye nendawo yesibini echanekelelo. Faka umbala ofanayo kwiindawo ezihambelanayo. Yeyiphi eyona ntetho uyithandayo?

- | | |
|---|------------------------------------|
| 1. "Ndade ndaziguqula mna, | A. kude kwenziwe." |
| 2. "Ophumelelayo ngumphuphi | B. andikwazanga ukuguqula abanye." |
| 3. "Kusoloko kubonakala kungenakwenzeka | C. ongancamiyo." |

3. Unscramble the coloured letters to find out what the Nal'ibali characters did to make a difference around them.

-  I helped **inpat** the local library.
-  I told a **royst** at a reading club.
-  I read **uload** at the old-age home.

Yovuya-vuya oonobumba abanemibala ukufumanisa ukuba bebesenza ntoni abalinganiswa bakaNal'ibali ukuze benze umahluko kokubangqongileyo.

-  Ndancedise **pekuyingonta** kwithala leencwadi lendawo yam.
-  Ndibalise **laibi** eklabhini yokufunda.
-  Ndifunde **vangolakukayo** kwikhaya labadala.



Impendulo: 1. IB, 2C, 3A 3. ngokupeyinta, ibali, ngokuvakalayo
Answers: 1. IB, 2C, 3A 3. paint, story, aloud

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org www.nalibali.mobi [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA) [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA) [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA) info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust and Arena Holdings Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

The Herald

Sowetan
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

